



# IBHULA LEGUSHA

## Imibuzo esoloko ibuzwa (FAQs)

### 1. Yintoni ibhula legusha?

Ibhulalegusha (nelaziwanjenge "brandsiekte" ngesibhulu) sisifo esibangelwa ngamangolwane "Psoroptes ovis mites" amaninzi ezigusheni. Amangolwane adla isikhumba segusha ze oko kubangele ukurhawuzela, ukuzonwaya, amanxeba alala ikhoko kunye nokonakala koboya.

### 2. Kutheni luyinto ebalulekileyo?

Iigusha ezigcwele ngamangolwane zigula ngokurhawuzelelwa kakhulu ze zichithe ixesha elininzi ekuzonwayeni endaweni yokutya okanye ukuzala. Oku kwenza ukuba igusha ihle emgangathweni, buwe uboya bayo ze umfama alahlekelwe yingeniso. Ukuba maninzi kwawo kakhulu kungade kukhokelele nasekubeni iigusha zide zife. Ibhula legusha lisasazeka lula kakhulu phakathi kwemihlambi yaye ukulinyanga kudla imali eninzi kakhulu, loo nto ithetha ukuba kubalulekile ukuba kuthintelwe ukuqhambuka kwalo ukuze kungabisenzeka.



### 3. Ingaba iigusha zilifumana njani ibhula?


Amangolwane afumaneka kuyo yonk'indawo phakathi kweegusha xa umhlambi uhlanganisiwe okanye xa usemadlelweni, kwizithuthi okanye xa zivalelwne nezinye iigusha zomnye umhlambi. Amangolwane ayakwazi ukuwa egusheni zeabantu bawase (bengaqondanga) kweminye imihlambi, xa ethe ncaa kwizixhobo zokusebenza okanye kwizithuthi.



### 4. Ndingalithintela njani ibhula legusha?

Hlola/xilonga zonke iigusha ukhangela iimpawu zebhula phambi kokuba uzithenge. Ezinye iigusha zinganawo amangolwane noko kungekho zimpawu zabhula, keneda uzibekelie bucala, zise edipini okanye unyange zonke iigusha ezifikayo kabini kwiintsuku ezisi 7-10 phambi kokuba uzihlanganise kumhlambi wakho. Kulumkele ukubolekisa ngezixhobo zokusebenza, ngezithuthi kwa nokubolekisa ngabasebenzi kwezinye iifama ezifuye iigusha. Nika abasebenzi iimpahla ezicokekileyo zokusebenza ze ucoce iintsholongwane kuzo zonke izixhobo zokusebenza ezivela kwenye ifama yeegusha.





## 5. Kufuneka ndenze ntoni xa ndibona iimpawu zebhula ezigusheni?

Ngokomthetho, kumelwe ukuxelwa kwayo nayiphi na imeko ebangela ukurhawuzela, ukhwekhwe kunye/okanye nokuwa koboya ezigusheni. Yazisa/xelela ngokukhawuleza, oogqirha bakarhulumente abakufutshane kwabangabonyango Iwemfuyo, kuzakuthunyelwa igosa ukuba lizokuxilonga wonke loo mhlambi ze lithathe neesampulu ukuze kubonwe eyona nto ingunobangela wengxaki eboniweyo.

## 6. Yintoni enokwenzeka xa kunokufunyaniswa iigusha ezinebhula kwifama Yam?

Kuzakwaziswa oogqirha bonyango Iwemfuyo ze ifama yensiwe ikheswa de kube kanti zonke iigusha zifumene unyang kabini kwiintsuku ezisi 7-10 nokude zifakwe edipini okanye iyeza elitofwayo. Emva konyango, umhlambi uzakuphinda uhlolwe ngelokujinisekisa ukuba akukho ezinye iimpawu ezibonisa ubukho bamangolwane ze emva koko ziphinde zihlanganiswe emhlambini uphela.

## 7. ndingakwazi na ukuyinya ngokwam igusha Yam xa ndikrokrela ibhula?

Ngokomthetho, kufuneka uxelele oogqirha bonyango Iwemfuyo ngako konke ukurhawuzela nokuwa koboya ezigusheni zakho. Bazakunceda ngokuzixilonga kunye nokunyangwa kwesigulo esiboniweyo ngendlela efanelekileyo ngokukhawuleza. Amanye amafama ayazama ukunyanga ibhula leegusha ngokwawo phofu esebezisa iindlela eziphosileyo okanye amayeza angengawo ze oko kukhokelele kumonakalo omkhulu ekuhambeni kwexesha.

## 8. Yeyiphi imfuyo esenokuba nebhula leegusha?

Amangolwane kwibhula legusha adla ezigusheni kuphela. Enye impahla efuyiwego inganalo ibhula kodwa ayidliwa ngamangolwane. Umzekelo, iibhokhwe ezivalelwa nomhlambi weegusha ezinebhula azinazimpawu zakugula nezibonisa isifo. Noko kunjalo, kusafuneka zifakwe edipini ukuze awe amangolwane ezinawo. Ibhula leegusha alihlali abantwini okanye nasiphi na isidalwa esisesasekhaya okanye imfuyo.

